

# INCWADI YEENDABA YAMALUNGU



2020 USHICILELO LWESIBINI



## UMYALEZO OVELA KWI-PO

**Lungu Elithandekayo**

**K**unzima ukukholelwa ukuba u-2020 sele esesiphelweni kwaye ibingomnye unyaka ke lo. Egameni leNgxowa-mali, ndingathanda ukuthumela amazwi ethu ovelwano kwabo bathe baphulukana nabantu babo ababathandayo ngenxa ye-COVID-19 kwaye ndithandazela ukuba bachache ngokukhawuleza abo bosulelwe yile ntsholongwane. Lo bhuhane ulichaphazele kakubi ilizwe jikelele kwaye

singathemba ukuba eyona nto imbi isemva kwethu. Izithintelo zokuma ngxi kweentshukumo ziye zanyenyiswa, kodwa intsholongwane ayikapheli. Qhubeka uthathe amanyathelo okhuseleko ukuzikhusela kunye nabo bakungqongileyo.

Ukuba uyazibuza ukuba ingaba i-COVID-19 izichaphazele njani izibonelelo zakho zomhlala-phantsi, sidibanise inqaku lakho konke okufuneka ukwazi malunga ne-COVID-19 kwizibonelelo zakho zomhlala-phantsi.

Sisebenze nzima, kungakhathaliseki uqiniseko lukabhuhane, ukuqinisekisa ukuba imibuzo isonjululwa kwangexesha. Ukutsho oko, sonwabile kakhulu ukukwazi ukunceda wena nabaxhamli ngemibuzo ngobuso kwaye ngenxa yoko amaziko ethu okungena aza kusebenza ngokupheleleyo.

Sikwanazo neendaba ezimnandi kakhulu esinokwabelana ngazo nawe kule ncwadana yeendaba inxulumene nenkqubo yemivuzo kaMasibambisane. Ngo-2018 senze uphando lorhwebo kwaye iziphumo zabanisa ukuba amalungu ethu afuna inkqubo yokunyaniseka. Siyavuya ukukwazisa ukuba inkqubo yokunyaniseka ilapha! Funda ngako konke kwiphepha 2. Le yindlela yethu yokuthi enkosi ngokukhetha i-MWPF kwaye sijonge phambili kubudlelwane obude nobunomvuzo kunye nawe.

Ibiluvuyo kum ukuba sisicaka senu njenge-PO Ebambeleyo kangangee nyanga ezintandathu ezidlulileyo kwaye ndingathanda ukuthatha elithuba ukwamkela i-PO entsha uMnu Frans Phakgadi ozibandakanye nale ngxowa-mali ngomhla woku-1 ka-Disemba ka-2020. Sinethamsanqa ukuba sibanye eqeleni njengelungu kwaye siyazi ukuba uza kuzisa ixabiso elikhulu kwiNgxowa-mali.

Ukuvala, siyathemba ukuba uyakufumana lencwadana inolwazi. Unyaka ka-2020 khange uqalise ngendlela ebesicwangcise ngayo, kodwa masisebenzise ixesha esisele nalo kwaye siwuqakumbele ngamandla.

**Ndikunqwenelela okuhle wena nosapho lwakho.**

Ozithobileyo

**Amma Amparbeng  
I-PO kunye neCFO ezibambeleyo**

Ukwazisa amabhaso amatsha kaMasibambisane - pg 2

Umboneleli omtsha wenkonzo yemali-mboleko yezindlu uyeza kuni kungekudala - pg3

Ukuhamba kweeNgxowa-mali zoMhlala-phantsi - pg 3

Isisetyenziswa (i-app) se-MWPF ilapha - pg4

Isilumkiso Sobuqhetseba - pg 5

Ubuqhetseba bezibonelelo ezingabangwanga - Pg 5

Imikhetho yamalungu athatha umhlalaphantsi - pg 5

Konke odinga ukukwazi malunga neziphumo ze-COVID-19 kwimali oyilondolozele ingxowa-mali yomhlalaphantsi - pg 7

# Ukwazisa amabhaso AMATSHA kaMasibambisane

**U**yicelile sayiphendula! Inkqubo yokuNyaniseka ye-Masibambisane inika amalungu kunye namalungu osapho amabini anyuliweyo ukufikelela kwizibonelelo ezizodwa kunye nezaphulelo kwiivenkile zakwaShoprite, kwaCheckers, kwaBoxer nakwaCheckers Hyper.

Onke amalungu kunye namalungu osapho abo atyunjiweyo baya kunikwa ukufikelela kwizaphulelo kwivenkile yabo yokusebenzisa iphepha kunye neekhuphoni zedijithali. Qokelela incwadana yakho kummeli wakho we-HR kwaye uqalise ukulondoloza. Qaphela ukuba kuyakubakho incwadana entsha enemveliso ezintsha rhoqo emva kweenyanga ezintathu kwaye iimveliso ziyaphelelwa kwisithuba seenyanga ezintandathu.

## Indlela yokufikelela kwizaphulelo

### 1. Iincwadana zeeKhuphoni

Sika iikhuphoni zakho kwaye xa usiya kuthenga kwaShoprite, kwaCheckers okanye kwivenkile yakwaBoxer, khangela iimveliso ezikwintengiso. Nikezela ngekhuphoni kunye nemveliso kwi-till uze ufumane isaphulelo kwimveliso kwangoko.

**Incwadana yeSaphulelo seGrosari yeMivuzo ye-Masibambisane ifana nemali ezandleni zakho ngoko ke yigcine ikhuselekile!**

### 2. Iikhuphoni zeDijithali

- Fumana iikhuphoni zakho nge-mobisite: [www.mwpprewards.co.za](http://www.mwpprewards.co.za) okanye utsalele umnxeba ku \* 120 \* 207 # kwiselfowuni yakho.
- Ilungu eliphambili lokungena ngemvume usebenzisa – inombolo yoShishino.
- Ilungu losapho elonyuliweyo lokungena ngemvume usebenzisa – inombolo yesazisi (i-ID).
- Jonga kwaye ungeze iikhuphoni zakho ozikhethileyo kwibhaskithi yakho.

- Ukufumana isaphulelo sakho sekhuphoni, cofa kwindawo ethi "Ibhaskithi yam" kunye no "Jonga iBhaskithi".

Thatha i-SMS yakho yekhuphoni xa usiya ezivenkileni kwaShoprite okanye kwivenkile yakwaCheckers, fumana imveliso ekwintengiso kwikhuphoni. Nikezela ngekhawudi yekhuphoni kwi-teller kunye nemveliso kwi-till uze ufumane isaphulelo kwimveliso kwangoko. Qiniseka ukuba ufumana imveliso echanekileyo (Ubungakanani, Uhlobo, Inkcazelo) ukuze isaphulelo sakho sisebenziseke.

**Indlela yokunika amalungu osapho lwakho ukufikelela kuMvuzo wakho weMasibambisane**

Ilungu ngalinye le-MWPF linokunika ukufikelela kwiMivuzo kaMasibambisane kumalungu osapho amabini. Le yindlela ongenza ngayo:

### Umkhetho woku-1

Thumela i-SMS yasimahla nenombolo yakho yoshishino, inombolo yesazisi yelungu losapho kunye nenombolo yeseli yelungu losapho yakho ku-49967. Ukunyula ilungu losapho lesibini, phinda oku kungasentla ngeenkukacha zelungu losapho lesibini.

### Umkhetho wesi-2

Tsalela umnxeba kwiziko lonxibelelwano le-MWPF ku-010 100 3000 Cofa u \*120\*207#, ngena kwaye ukhethe "ukunyula ilungu losapho", kwaye ulandele imiyalelo.

### Ukonwabele ukuthenga!



# UMBONELELI OMTSHA WENKONZO yemali-mboleko yezindlu uyeza kuni kungekudala

**S**ichulumancile kukunazisa ukuba sinyule i-First National Bank (i-FNB) njengomnye wethu wabanikezeli beenkonzo zemali-mboleko zezindlu ukuze baninike inkululeko yokuzikhethela njengesongezo kumnikezeli wenkonzo wethu wangoku. Xa nikunye ne-FNB njengomnikezeli wenkonzo omtsha niza kuba nethuba lokuthelekisa kwaye nikhethe oyena ulungele iimfuno zenu.

## **Xa nikunye ne-FNB ningonwabela ezizibonelelo zilandelayo:**

- I-Fixed interest rate prime linked (Prime minus 0.5%) (Imali yenzala esisigxina eqhagamshelwe kwi-prime)
- Umrhumo wokuqalisawexesha elinyeoli-R490 kuquka ixabiso lerhafu elongeziweyo (i-VAT)
- Umrhumo wolawulo ngenyanga we-R69.00 kuquka ixabiso lerhafu elongeziweyo (i-VAT)
- Ixesha elininzi lokubhatala yiminyaka engama-20 (iinyanga ezingama-240)
- Ubomi bokuzithandela betyala be-R2.49 nge-R1 000.00 ngalinye. Imali ebhatalwayo ibandakanya ezi zibonelelo zilandelayo:
  - o Ikhava yokusweleka – Ibhalansi egcweleyo yemali eseleyo
  - o Ikhava yokukhubazeka Isigxina neyokukhubazeka Kukonke (PTD) -Ibhalansi egcweleyo yemali eseleyo.
  - o Ikhava yokudendwa emsebenzini - Ibhatala izavenge zeenyanga ezili-12.
  - o Ikhava yokukhubazeka Ixesha neyokukhubazeka Kukonke (TTD) - Ibhatala ukuya kutsho kwiinyanga ezili-12 okanye ukungabisakhubazeki, nokuba leliph ixesha elifutshane.



**Siza kunxibelelana ngomhla wokuqalisa kungekudala nangenkqubo yokwenza imali-mboleko yendlu. Okwangoku, ukuba unayo nayiphi na imibuzo, nceda uqhagamshelane neziko lethu lomnxeba ku-010 100 3001.**

## Ukuhamba

## kweeNgxowa-mali

## zoMhlala-phantsi



**K**uyasivuyisa ukubanakho ukubonelela amalungu ethu ngezibonelelo ezilungiselelwe ngokukodwa ukuhlangabezana neemfuno zabo. Injongo yethu kukwenza umahluko ebomini bakho, kwixesha elide emva kokuba uthathe umhlalaphantsi kwaye ke kuyasivuyisa ukwazisa ukuba xa unyuselwe kwiyunithi yokwamkelwa uye kwenye, awunyanzelekanga ukuba utshintshe ubulungu bakho bengxowa-mali. Ngamanye amagama, ungahlala ne-MWPF kwaye uqhubeke nokonwabela izibonelelo zethu eziphezulu.

Ngapha koko, ukuba uye wanyuselwa kwixesha elizayo kwaye wenziwa ukuba uye kwingxowa eyahlukileyo, uvunyelwe ukuba ubuyeke kwingxowa-mali yakho yoqobo.


Unokuba lilungu le-MWPF ubomi bonke xa unyuselwe.

# Isisetyen- ziswa (i-app) se-MWPF ilapha


Siyavuya ukukwazisa ukuba i-app yethu entsha iyaphila. Ngoku unokufikelela kwizitetimenti zakho zesibonelelo, iileta zeendaba kunye nokunye okuninzi ngokuthe ngqo kwiselula yakho.

Ukufikelela kwi-app, unokuzikhuphela kwiVenkile ye-Google Play kwifowuni yakho ye-android.


Emva kokuba ukhethe u "Ivenkile yokuDlala" khangelala i "Mineworkers ProvidentFund" kwaye ukhethe u "Faka" njengoko kubonisiwe kulomfanekiso ungezantsi.



Emva komkhethe ongu "Faka" lukhethiwe kwiscreen esingezantsi siya kuboniswa



Xa i-app igqibile ukukhuphela kwifowuni yakho, isikrini esingezantsi siya kuboniswa.



Uya kuthi emva koko ungene ngemvume yokusebenzisa iinkcukacha zokungena ngemvume zexeshana eziza kuthunyelwa yiNgxowa-mali ngeSMS. Ngokungena ngemvume, ku "Uyilibe iPhasiwedi?" uzakavela ozakuthi akuyalele ukuba ufake iinombolo zakho zefowuni ezibhalisiweyo okanye idilesi ye-imeyile. Uya kuthi emva koko uthunyelweiPhasiwedi yeXesha Elinye (OTP) ngeSMS okanye nge-imeyile. Faka i-OTP efunyenweyo. Nje ukuba uhlaziyo lwephasiwedi luphumelele, uya kuqhubeka ungene ngemvume ngephasiwedi etsha.



Nje ukuba ungene ngemvume uya kuba nakho ukwenza iprofayili kwaye ungeze umfanekiso ukuba uyanqwenela. Uyakukwazi kananjalo ukufikelela kwizitetimenti sakho esesibonelelo, ixabiso lotyalo-mali kwaye ukwazi ukuhlaziya iinkcukacha zakho zobuqu njengedilesi yakho, inombolo yeseli kunye nabaxhamli. Uyakubanakho kananjalo ukujonga iinkcukacha malunga nokusweleka, isibonelelo sokukhubazeka, isibonelelo somhlabantsi, isibonelelo sokudendwa, isibonelelo seNgeniso yeNzuzo yoBomi kunye neNkqubo yeMivuzo yeMasibambisane.

Ngoku unganazo zonke iinkcukacha ozidingayo kwiminwe yakho. Ngayo nayiphi na imibuzo sitsalele kule nombolo 010 100 3000.



# ISILUMKISO SOBUQHETSEBA

**N**gomhla ka-Meyi sakuthumela isaziso sokunxibelelana ngomsebenzi wobuqhetseba ohamba ujikeleza apho amalungu ebesandula ukuthatha umhlalaphantsi kwaye elindele intlawulo evela kwi-MWPF afowunelwa ngamamenemene azenza abacebisi be-MWPF. La malungu aye acelwa ukuba acime iiselfowuni zabo okwemizuzu embalwa kwaye baphinde bayilayite. La mamamenemene enza oku ukuze amalungu aphulukane nezaziso ezivela kwiibhanki zabo zemali ezitsaliweyo kwii-akhawunti zabo. Nceda uqaphele ukuba i-MWPF ayisokuze ifowunele amalungu kwaye iwacele ukuba acime iiselfowuni zawo.

Kanajalo asisokuze sibuze amalungu ukuba aqinisekise ngeenkukacha zawo zebhanki. Siyakubongoza ukuba uhlale uphaphile kwaye ukuba awuqinisekanga malunga nokuba yeyiphi iminxeba, qhagamshelana nathi ku 010 100 3000, ukuqinisekisa.



**S**iyazi kananjalo ukuba kukho iinkampani ezimbalwa zobuqhetseba ezilahlekisa abo babesakuba ngabasebenzi mgodini ukuba bakholelwe ukuba banemali engabangwanga engeyabo. Abo babesakuba ngabasebenzi-mgodini bakhokelwa ukuba ezinkampani zizakwenza ibango egameni labo kodwa bayacelwa ukuba bahlawule umrhumo ukuze kwenzeke le nkqubo. Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba i-MWPF ayifuni umrhumo wokujonga ukuba umntu owayesakuba ngomsebenzi-mgodini unezibonelelo ezingabangwanga kunye nathi.

Okanye sifuna umrhumo ukuze siqhubekeke nangaziphi na izibonelelo ezingabangwanga. Abo bafuna ukujonga ukuba kukho naziphi na izibonelelo ezingekahlawulwa banokunxibelelana ngqo ne-MWPF kwaye abafuni mntu wesithathu. Ukuba wena okanye abo babesebenza emgodini bacelwa ukuba babhatale umrhumo, bubuqhetseba kwaye i-MWPF ayiyonxalenye yenkqubo.

## Imikhethe yamalungu athatha umhlalaphantsi

**I**ngaba ubusazi na ukuba sinikezela ngeengcebiso zezibonelelo zomhlalaphantsi kumalungu asele eza kuthatha umhlalaphantsi ukuqinisekisa ukuba bayayazi imikhethe efanekayo kubo emva komhlalaphantsi? Ukuba sele uza kuthatha umhlalaphantsi kwisithuba seenyanga ezintandathu ezizayo, konke okufuneka ukwenze kukuthumela igama lakho kunye nenombolo yoqhagamshelwano ku-071 887 6515 kwaye umcebisi ngezibonelelo zomhlalaphantsi uya kuqhagamshelana nawe ngomnxeba ukuze alungiselele idinga apho uya kusiwa khona kwimikhethe yakho yomhlalaphantsi.

Ayisiyiyo yonke loo nto, sikwanikezela ngemveliso yeNgeniso yoBomi bonke apho ufumana isiqinisekiso sesixa-mali seeranti ngenyanga ubomi bakho bonke. Kwixesha

lomhlalaphantsi ungakhetha ukuthatha yonke imali onayo kwingxowa-mali ngekheshi okanye enye yemali yakho onayo kwingxowa-mali njengekheshi kwaye usebenzise eseleyo ukuthenga imveliso yeNgeniso yoBomi bonke okanye ungayisebenzisa yonke imali onayo kwingxowa-mali yakho ukuthenga imveliso yeNgeniso yoBomi bonke.

Ukuba uyasweleka kwiminyaka eli-10 emva kokuba uthathe umhlalaphantsi, abaxhamli bakho abanyuliweyo baya kufumana isambuku somvuzo uwonke oshiyekileyo.

Ukuba sowuza kuthatha umhlalaphantsi kwaye ungathanda ukufumanisa banzi, thumela i 'quote' kunye nenombolo yakho **ku-071 887 6515** kwaye umcebisi we-MWPF uzakubuyela kuwe ngokukutsalela umnxeba.



# Konke odinga ukukwazi malunga neziphumo ze-COVID-19 kwimali oyilondolozele ingxowamali yomhlalaphantsi

## 1 Ingaba imali endiyongele umhlalaphantsi ichaphashazelwa njani kukuma ngxi kweentshukumo?

Ulondolozo lomhlalaphantsi lwamalungu luchatshazelwe kakubi kukuma ngxi kweentshukumo ze-Covid-19. Ingxowamali yesiBonelelo saBasebenzi-mgodini iphumeze isicwangciso sotyalomali sexesha elide esiyilelwe ukukhulisa ulondolozo lwakho ukuze uthathe umhlalaphantsi ngokufanelekileyo. Ingxowamali ikhulisa ulondolozo lwamalungu ngokutyala imali yegalelo lakho kumarhwebo onaniselwano afana nokutyala imali kwiinkampani ezidweliswe kwi-Johannesburg Stock Exchange nase-New York Stock Exchange kunye nokuthenga iibhondi zikarhulumente nezinye izixhobo. Ukuvela kweCovid-19 kubangele uloyiko kwihlabathi liphela njengoko kungekho mntu unokuqonda ukuba laliyintoni ifuthe lale ntsholongwane kuqoqosho lwehlabathi. Ngenxa yoko, iimarike zezemali zithengise ngokuhlaselayo ukusuka phakathi ku-Febuwari 2020 ukuya esiphelweni sikaMatshi 2020 kodwa zizinzile kukonke iNgxowamali yesiBonelelo saBasebenzi-mgodini iye yenyuka nge-0.89% ukusukela kwinyanga ephelileyo ukusuka nge-31 Agasti 2020 kwaye inyuke nge-5.33% ukusuka kunyaka ophelileyo, nokuba kukho impembelelo ye-COVID-19. Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba uhambo lwemali ekhulayo luhambo lwexesha elide olunemiqobo emininzi endleleni. Ingxowamali igqibele ukufumana isiganeko esinje ngo-2007-2008 ngexesha lobunzima bezezimali kwihlabathi xa ukuthengiswa kwezinto eziziswa ixabiso (i-selloff) kwakufana kwaye iimarike kamva zabuyela kwizimo zazo. Ngoko ke, kubalulekile ukuhlala ugxile kwinjongo yexesha elide kwaye ungaphazanyiswa ziziganeko ezinjalo ezenzeka amaxesha ngamaxesha.

## 2 Yenza ntoni iNgxowamali ukuthintela ulondolozo lomhlalaphantsi wam ekuncipheni nangakumbi?

Ingxowamali ilawulwa yiBhodi yeeThrustii enoxanduva lokugcina intembeko yokulawula ulondolozo lwamalungu ngocoselelo nangokukhuthelweyo. Iithrasti ziyaxhaswa nguMcebisi woTyalo-mali onyuliweyo ozimelelo ukuba acebise kwaye akhokele iithrasti xa kufikwa kuyilo kunye nokuphunyezwa kwesicwangciso sotyalomali sexesha elide. Isicwangciso seNgxowamali silungiselela amaxesha emingcipheko egqithisileyo ngokuqinisekisa ukuba inxenywe ebalulekileyo yeNgxowamali ityalwe kutyalo-mali olunomngcipheko ophantsi nakutyalo-mali olukhuselekileyo. Oku kuqinisekisa ukuba ngamaxesha afana nokuma ngxi kweentshukumo, ifuthe kumalungu liya kuba ngaphantsi kokuhla ngokubanzi kwiimarike zezemali. Ingxowamali iyaqhubeka nokujonga iimeko kwaye iza kuthatha amanyathelo afanelekileyo ukunciphisa imingcipheko ephantsi kolawulo lwayo.

## 3 Ingaba ulondolozo lomhlalaphantsi wam luza kunciphanangakumbi?

Akukacaci ukuba ukuma ngxi kweentshukumo komhlaba kuya kuthatha ixesha elingakanani kwaye ukuthengiswa kwezinto eziziswa ixabiso bekukokwexeshana okanye kuya kwandiswa nangakumbi. Ukuba ukuma ngxi kweentshukumo kuyaqhubeka sinokubona ubuthathaka obuthe kratya kwiimarike zezemali okunokuthi kunciphise ulondolozo lomhlalaphantsi wakho. Nangona kunjalo, ukuqonda ukuba iziganeko zomngcipheko ogqithileyo zenzeka amaxesha ngamaxesha, ukuhlala ugxile kwinjongo yexesha elide kubalulekile.

## 4 Ziya kubuyela nini kwisimo sazo iimarike?

Asazi ukuba iimarike ziza kuzinza nini kwaye asiwuqondi ngokupheleleyo umonakalo wexesha elide kuqoqosho lwehlabathi ngenxa yokuma ngxi kweentshukumo. Into esiyaziyo kukuba iimarike zezemali zisabela ngokukhawuleza kwaye naziphi na iindaba zokwehla kwihlabathi kwi-Covid-19 kunye nokuthomalalisa ukusasazeka kungakhokelela ekubeni iimarike zilungise kabukhali kwaye zitshabalalise ngokupheleleyo ilahleko eziyimbali. Ingxowamali nayo ilandela isicwangcisosotyalomali esahlukeneyo esithetha ukuba ngawo onke amaxesha kukho amacandelo athile kwipotfoliyo aza kusebenza kakuhle kwaye amanye amacandelo angenakusebenza kakuhle. Ngoko ke, ngokoyilo iNgxowamali iye yakhela phakathi iindlela zokhuseleko lokunciphisa kwexabiso lotyalomali ukubonelela ngeziganeko zomngcipheko onjalo kwaye kwangaxeshanye inokuthatha inxaxheba kuhlumo xa iimarike zibuyela kwisimo sazo.

## 5 Yintoni endifanele ukuba ndiyenze njengelungu ngeli xesha?

Kubalulekile ukuhlala ucinga ukuba ukulondolozela umhlalaphantsi lutyalo-mali lwexesha elide kakhulu kwaye ukuguquguquka kwexesha elifutshane kwenzeka kumaxesha ngamaxesha kwaye ezi zinto zingathatha iimbuyekazo ezintle kakhulu kunye neembuyekazo ezimbi kakhulu njengoko sibona okwangoku. Umntu akufuneki othuke ngenxa yokuguquguquka kwangoku kwaye ahlale egxile kwinjongo yexesha elide yokulondolozela umhlalaphantsi wakho.

## 6 Kwenzeka ntoni ukuba ndiyayeka ukwenza igalelo kwingxowamali yomhlalaphantsi wam?

Ukuba uyayeka ukwenza igalelo kwingxowamali yomhlalaphantsi ngeli xesha lingaqinisekanga njengoko kuvunyelwe liGunya lokuZiphatha leCandelo lezeMali, ixabiso lakho lengxowamali ngoku liza kuhlala lityaliwe kwingxowamali kwaye liza kuqhubeka nokufumana iimbuyekazo zotyalo-mali. Awuyi kongeza nje amagalelo ongezelelweyo kwixabiso lakho ngeli xesha. Nje ukuba le ngxaki iphelile kwaye igalelo liqalile kwakhona, ixabiso lakho lengxowamali liza kuthi ke liqhubeke nokukhula nazo zombini amagalelo kunye neembuyekazo zotyalo-mali. Azikho izohlwayo okanye iindleko ezihlawulisiweyo zokumisa imirhumo ngeli xesha.

## 7 Ndiza kuchaphazeleka njani xa ndithatha umhlalaphantsi ngo-2020

Ukuba uthatha umhlalaphantsi ekupheleni kuka-2020 kuyakufuneka uthethathethane nomcebisi wengxowamali yomhlalaphantsi onyulwe yiNgxowamali ukuze ucwangcise ngokufanelekileyo umhlalaphantsi wakho. Nceda uqhagamshelane neNgxowamali ukuze ulungiselele intlanganiso nomcebisi. Njengoko kukhankanyiwe ngasentla iNgxowamali ilandela indlela eyahlukeneyo yokutyala imali ngaloo ndlela ithintela imali zamalungu ekutyalweni kwisicwangciso esinye. Le ndlela yokusasaza ii-asethi zeNgxowamali kutyalo-mali olwahlukileyo kunye nexesha elide otyale ngalo kufuneka ikunike ukhuseleko olufunekayo ukuze wenze ngecebo kula maxesha anzima.




# Hlaziya iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano

Sithanda ukukugcina unolwazi ngeenkukacha ezinxulumene nengxowa-mali.

Nceda ukhumbule ukuhlaziya iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano ingakumbi iinombolo zomnxeba nezeeselfowuni ukuba unokutshintsha iinkcukacha zakho.


Ngale ndlela sinokuqhubeka nokukugcina unolwazi.



## I-Facebook kunye ne-Twitter

Sikwanawo namphepha e-Facebook kunye ne-Twitter, agcina wena uhlale unolwazi ngazo zonke iziganeko zethu kunye nophuhliso lweNgxowa-mali. Imibuzo ikwaphendulwa ngexesha lokwenyani kwaye izikhalazo zisonjululwe kwi-intanethi.

**Silandele kwi-Facebook kunye ne-Twitter kwaye uhlale unolwazi:**

 <https://www.facebook.com/mineworkerpf>

 <https://twitter.com/Mineworkerspf>

Sibongoza onke amalungu ukuba asebenzise izibonelelo ze-MWPF ukunceda thina ukuba sinikezele ngenkonzo yodidi oluphezulu kuni malungu.

